<p><u>PF 6 UKWAKHIWA</u> <u>NOKUSETYENZISWA KOLWIMI</u> GH 1 Sebenza ngamagama ngo-Kusebenzisa ubuchule bokupela amagama angaqhelekanga. Kuyila uluhlu lwakhe lopelo nesichazi-magama aze axoxe amagama anika ungxaki. Kusebenzisa isichazi-magama ngobuchule ukuphanda isigama nopelo. GH 2 Sebenza ngezivakalisi ngo-Kuchonga nokusebenzisa izibizo, izigaba zentetho, izimelabizo, izenzi, izichazi, izikhuzo, Izifanekiso-zwi, zihlomelo GH 3 Sebenza ngezicatshulwaKulandelanisa imihlathi ngokufanelekileyo ukudala izicatshulwa ezide.</p>	<p><u>Inyathelo 8</u> Kwenziwa uvavanyo lokuqonda. Ngaphandle kwemibuzo neempendulo ezibuzwayo, umsebenzi ovavanyayo unokugxila kuqhawuqhawulo, iziphumlisi, usetyenziso lwamaqhalo, izihlanganisi, izixando zezenzi njl-njl <u>Inyathelo 9</u> Utitshala unika abafundi izivakalisi ezahlukileyo zibe lishumi abanike ithuba lokudibanisa zenze umhlathi ondindeneyo besebenzisa izihlanganisi.</p>	<p><u>Inyathelo 8</u> Abafundi babhala ezincwadini zabo zaseklasini uvavanyo lokuqonda okufundwayo. <u>Inyathelo 9</u> Abafundi bafunda izivakalisi baze babhale umhlathi besebenzisa izihlanganisi.</p>	<p>IFomu:Uvavanyo lokuqonda IMethodi:Utitshala Izixhobo:Imemorandum</p>
---	--	---	---

<p>GH 4 Phuhlisa ingqiqo ngokusetyenziswa kwesimbo sokubhala ngoKwahlula phakathi kolwimi olusesikweni nolo lungekho sikweni nokusebenzisa isimbo sokubhala kubhalo nesimbo sokuthetha ekuthetheni.</p> <p>.</p>			
<p>GH 5 Khulisa ingqiqo enzulu yolwimi ngo: Kuchonga intsingiselo ecacileyo nefihlakeleyo, intsingiselo ekubhekiswe kuyo nentsingiselo ezininzi; Kudibanisa ukhetho nokusetyenziswa kwamagama abonisa uvakalelo kwimibandela ephathelele kwisini, kubuhlanga, kummandla, kwimpilo, nj-nj</p>			
<p>Izixhobo: Ibali, amaphepha-ndaba, izichazi magama, iincwadi zolwimi, imifanekiso</p>			
<p>Sihambe njani isifundo:</p>			
<p>Izithinteli kufunda: Izithinteli kufunda: Umfundi ongaboniyo kunye nongevayo uyakubekwa ngaphambili, abafundi abangakwazi kufunda nokubhala bayakunikwa amathuba okuphucula ukufunda nokubhala.</p>			

IPLANI YESIFUNDO

**ISIXHOSA (ULWIMI LWENKOBÉ)
UMONGO: IITEKISI EZIVELAKWEZINYE IZIFUNDO
IBANGA LESIBHOZO**

IXESHA: IIVEKI EZI-3

UMONGO PF NEE GH	INDIMA KATITSHALA	INDIMA YOMFUNDI	UHLLOLO
<p><u>Ukumamela</u> <u>GH 2 :</u> Mamela ngononophelo nocoselelo ulwazi oluthile neengcinga ezingundoqo kwaye aphenhule ngokufanelekileyo, umz: <input type="checkbox"/> Ukuthatha amanqaku, ukushwankathela, nokwenza izigqibo; <input type="checkbox"/> Ukuhlalutya iingcinga, aze abuze</p>	<p><u>Intshayelelo</u> Utishala ubuza imibuzo ephathelele kwingozi ezithath'unyawo kuluntu umz: iingozi zeemoto ezininzi zenzeka ngezaphi iinyanga apha enyakeni? Ngawaphi amaphondo athi abe neengozi eziphezulu?</p>	<p><u>Intshayelelo</u> Abafundi baphendula imibuzo</p>	

<p>imibuzo yokuphanda nokucela umngeni apho kuyimfuneko.</p> <p><u>GH 3 :</u> Qonda indlela izicatshulwa zomlomo ezicwangciswe ngayo aze achaze iimpawueziphambili (umz. Amabali amafutshane, izibongo, neentetho ezimfutshane). Oku kuquka nokunakana izixhobo ezisetyenziselwe uburharha ezifana nemigcana ehlekisayo enentetho</p>	<p><u>Inyathelo 1</u> Utitshala unika abafundi amaphepha anesicatshulwa esineengozi zeendlela kumaphondo ukuba abafundi bafunde ze baxoxe ngokukwiscatshulwa beqwalasela ezi zinto, ukwamkela izimvo zabanye, ukubuza imibuzo, ukwamkela iimpendulo ezahlukeyo</p>	<p><u>Iyathelo 1</u> Abafundi bafunda isicatshulwa baze baxoxe bengamaqela okwenzeka kwiscatshulwa.</p>	
--	---	--	--

<p>enamandla, impoxo, nogqithiso aze achonge, anakane kwaye ahlalut ye iimpembelelo zezandi kwizicatshulwa ezahlukeneyo zezixhobo ezivakalayo nezibonakalayo.</p> <p><u>GH 7:</u> chonga iimeko zokuxabiseka nezembali, zentlalo nenkcubeko kwizic</p> <p><u>PF 2: Ukuthetha</u> <u>GH 2 :</u> azisa iingcinga, iingongoma ezinobunyaniso neengcamango ngokucacileyo kwaye ngokuchanekileyo nolandelelwano olukwiqondo elithile kwizihloko ezicela umngeni</p>	<p>ukusebenza ngokwamaqela njl-njl.</p> <p><u>Inyathelo 2</u> Utitshala uyalela omnye wabafundi ukuba anike ingxelo emele iqela lakhe kujongwe ezi zinto zilandelayo umz unikezelo, ukunqumama ulwimi, imvakalozwi, izijekulo,</p>	<p><u>Inyathelo 2</u> Abafundi banika ingxelo</p>	<p>IFomu: Ingxelo IMethodi: Utitshala Izixhobo: Itsheklisi</p>
---	---	--	--

<p>usebenzisa iintlobo zezicatshulwa zomlomo ezineengongoma ezinobunyaniso ezibanzi (umz: iingxoxo, iintethompikiswano).</p>	<p>unxibelelwano.</p>		
--	-----------------------	--	--

<p><u>GH 3:</u> Qonda indlela izicatshulwa zomlomo ezicwangciswe ngayo aze achaze iimpawu eziphambili (umz. Amabali amafutshane, izibongo, neentetho ezimfutshane). Oku kuquka nokunakana izixhobo ezisetyenziselwe uburharha ezifana nemigcana ehlekisayo enentetho enamandla, impoxo, nogqithiso aze achonge, anakane kwaye ahlalut ye iimpembelelo zezandi kwizicatshulwa ezahlukeneyo zezixhobo ezivakalayo nezibonakalayo. GH 5 azisa ngobuciko obukwiqondo</p>			
--	--	--	--

<p>elithile nangokuyilayo, ethathele ingqalelo ngo/kwi/ku□ kucacisa okucacileyo nokuvakalayo; GH 6: chonga nokuxoxa iimpawu ezinegalelo kwimpumelelo yonxibelelwano lwakhe.</p>			
--	--	--	--

<p><u>PF 3: Ukufunda Nokubukela</u></p> <p><u>GH 1 :</u> Fundu ngokuqhutywa ngumdla kwaye kumaxa amaninzi efundela ulwazi nolonwabo iintlobo ezininzi zezicatshulwa ezifundiweyo, axoxe impendulo yakhe kwaye axoxe ngeendidi zezicatshulwa azonwabelayo kwaye acebise abaye ngezicatshulwa.</p> <p><u>GH 2:</u> Zifundela ngokuvakalayo nangokuthe cwaka efundela iinjongo ezahlukeneyo aze ahlanganise ubuchule bokufunda obufanelekileyo obukhuliswe kumabanga angaphambili</p> <p><u>GH3 :</u> Chonga injongo, abaphula- phuli neme yesicatshulwa</p>	<p><u>Inyathelo 3</u> Utitshala unika abafundi isampula yegraph ababonise indlela eyenziwe ngayo ebabuza imibuzo ngayo umz:lelphi iphondo elinenani leengozi eziphezulu? Kungokuba kutheni Lithini izinga layo ngokwepesenti? Amaphondo angaselwandle abanezinga eliphezulu leengozi.Xhasa/Chasa impendulo yakho. Lola ingqondo yakho ngokubhala umahluko ngokwe %,iphondo laseMntla- Ntshona,nephondo lakwa Zulu-Natali</p>	<p><u>Inyathelo 3</u> Abafundi balolonga indlela eyenzwa ngayo igrafu bekubona oku ngokuphendula imibuzo ebuzwa ngutitshala.</p>	
---	---	--	--

<p><u>GH 4 :</u> bonisa ingqiqo yezicatshulwa eziquatheulwazi ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> <input type="checkbox"/> kuchonga iingcinga eziphambili nokucacisa indlela iinkcukacha ezixhasa ngayo ingcinga ephambili; <input type="checkbox"/> kubuza iingcinga apho kuyimfuneko; <input type="checkbox"/> kwenza izigwebo nezigqibo ngengcinga esekelwe kubungqina. <p><u>GH 8:</u> phendula ngokunzulu kwizicatshulwa ngoku-xoxa ngengcamango yombhali; xoxa ngemiyalezo ecacileyo (okanye efihlakeleyo) kwizicatshulwa nangomtsalane</p> <p><u>GH 9:</u> xoxa imibandela yentlalo, yenkcubeko, yommandla nesesikweni ekwizicatshulwa kwaye achonge izimo zezicatshulwa eziquathe ukuxabiseka okunxulumene nabo (umz: umxholo, ulwimi, imifanekiso, iingcamango nesimo sabalinganiswa).</p>	<p><u>Inyathelo 4</u> U titshala uyalela abafundi ukuba baxoxe ngegrafu bezama ukubonisa ingcamango yombhali bechonga injongo yombhali Umz:ukulumkisa uluntu ngeqondo leengozi zeendlela eliphezulu Umxholo uwuphemelela njani umyalezo</p>	<p><u>Inyathelo 4</u> Abafundi baxoxa ngegrafu bejonga ingcamangoyombhali,umxholo uwuphemelela njani umyalezo.Benza izigqibo/izigwebo</p>	
--	---	---	--

<p>Velisa izicatshulwa ezibhaliweyo ezininzi ezineengongoma ezinobunyaniso nezakhiwe ngeendlela ezininzi (izicatshulwa) usebenzisa iimpawu ezininzi ezibonwayo nezakhiweyo apho kuyimfuneko ngamabali eziganeko, ngengxelo zophando, ngeencwadana, ngezibhengezo, ngezixeko-ncomo.</p> <p><u>GH 4 :</u></p> <p>Sebenzisa inkqubo yokubhala ngentsebenziswano nangokuzimela ukuvelisa izicatshulwa ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> <input type="checkbox"/> kukhetha nokuphonononga isihloko ngokungqubanisa iintloko, esebenzisa iimaphu zengqondo nezintlu; <input type="checkbox"/> kusebenzisa izicatshulwa ezinokuntsonkotha okukhulayo njengemizekelo; <input type="checkbox"/> kuqulunqa nokuphuhlisa isihloko ngolwazi olusemxholweni oluvela kweminye imithombo; <input type="checkbox"/> kucwangcisa iingcinga ngokulandelelana ukuvelisa uyilo lokuqala; 			
---	--	--	--

<p><u>PF 4 :Ukubhala</u> <u>GH 2 :</u> Velisa izicatshulwa ezibhaliweyo ezininzi ezineengongoma ezinobunyaniso nezakhiwe ngeendlela ezininzi (izicatshulwa ezisebenzisa ushicilelo nemifanekiso) kwiinjongo ezahlukeneyo usebenzisa iimpawu ezininzi ezibonwayo nezakhiweyo apho kuyimfuneko ngamabali eziganeko, ngengxelo zophando, ngeencwadana, ngezibhengezo, ngezixeko-ncomo. <u>GH 4 :</u> Sebenzisa inkqubo yokubhala ngentsebenziswano nangokuzimela ukuvelisa</p>	<p><u>Inyathelo 5</u> Utitshala uyalela abafundi ukuba bashwankathele konke abaxoxe ngako ngasentla beqwalasela amanqanaba okubhala</p> <p><u>Inyathelo 6</u> Utitshala unika abantwana umhlathi ukuba bawufunde ze bawuguqule ube yigrafu.</p> <p><u>Inyathelo 7</u> Utitshala unika abafundi igrafu umz:igrafu yebhajethi yamasebe kaRhulumente kwiphondo leMpuma Koloni bayitolike beyiguqulela kumhlathi Umfundisi ntsapho makaqwalasele oku:amagama amasebe makangabhalwa endaweni yoko makusetyenziswe imibala eyahlukileyo Umz: ilelo isebe linombala obonakalisa inkcitho yalo.</p>	<p><u>Inyathelo 5</u> Abafundi babhala isishwankathelo ngako konke ebebexoxa ngako ngasentla.</p> <p><u>Inyathelo 6</u> Abafundi bafunda umhlathi bawuguqulele kwigrafu</p> <p><u>Inyathelo 7</u> Abafundi balolonga igrafu ze bayitolike beyiguqulela kumhlathi, beqwalasela kakhulu imibala.</p>	<p>IFomu:Isishwan kathelo IMethodi: Utitshala Izixhobo:Irubriki</p>
--	---	--	--

<p><u>GH 1:</u> Sebenza ngamagama ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> <input type="checkbox"/> Kusebenzisa ubuchule obuninzi obahlukeneyo bukupela amagama angaqhelekanga; Kuyila uluhlu lwakhe lopelo nesichazi-magama samagama ngokuhlangene nekharityhulamu aze axoxe ngamagama anika ingxaki <p><u>GH 2 :</u> sebenza ngezivakalisi ngo:</p> <ul style="list-style-type: none"> <input type="checkbox"/> Kuchonga nokusebenzisa izibizo, izimelabizo, izenzi, izichazi, izihlanganisi, izikhuzo, izifanekisozwi, izihlomelo; Kusebenzisa nokuhlalutya iintlobo zezenzi: uhlobo lokuqondisa, lokuqhubeka, lolandelelwano, lokuyalela, lokukhankanya 	<p><u>Inyathelo 8</u> Ututshala uyalela abafundi ukuba bachonge isicatshulwa ze bajonge intsingiselo yamagama kwizichazi magama.</p> <p><u>Inyathelo 9</u> Ututshala ukhetha amagama acingela ukuba anokuntsonkotha awalungiselele upelo</p> <p><u>Inyathelo 10</u> Kwiscatshulwa utitshala uyalela abafundi ukuba mabachonge izibizo, izenzi, izichazi, izihlanganisi izikhuzo, izifanekisozwi, izihlomelo (kuxhomekeka kwiscatshulwa eso senziwayo, khetha ezo zifanelekileyo, qiniseka ukuba uzenza zonke)</p>	<p><u>Inyathelo 8</u> Abafundi bajonga isicatshulwa baze bachonge amagama abangawaziyo baze bajonge intsingiselo yawo kwisichazi magama.</p> <p><u>Inyathelo 9</u> Abafundi bamamela babhale amagama abawabizelwayo ngutitshala.</p> <p><u>Inyathelo 10</u> Abafundi bachonga oko utitshala athi mabakuchonge ngokokubela kwiscatshulwa.</p>	
--	--	---	--

<p>GH 3: Sebenza ngezicatshulwa ngo:</p> <ul style="list-style-type: none"> <input type="checkbox"/> kuguqula ukusetyenziswa kwesihloko nokuxhasa izivakalisi (umz: ukubeka isihloko sesivakalisi ekugqibeleni) ukudala ulandelelwano kwimihlathi; <input type="checkbox"/> kusebenzisa izihlanganisi ukudibanisa imihlathi nokwenza ulandelelwano lweengcinga eziqiqiweyo kumhlathi; <input type="checkbox"/> kulandelelanisa imihlathi ngokufanelekileyo ukudala <input type="checkbox"/> izicatshulwa ezide <p>GH 4 :phuhlisa ingqiqo nokusetyenziswa kwesimbo sokubhala ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> <input type="checkbox"/> kusebenzisa ubude neentlobo ezahlukeneyo zesivakalisi; <input type="checkbox"/> kwahlula phakathi kolwimi olusesikweni nolo lungekho sikweni nokusebenzisa isimbo sokubhala nesimbo sokuthetha ekuthetheni; <input type="checkbox"/> kusebenzisa izangotshe zolwimi nesimbo sokuthetha ngokuyilayo; 	<p>Inyathelo 11</p> <p>Utitshala ubanika igrafu baguqulele kubhalo lomhlathi.(Qiniseka ukuba izivakalisi zidityaniswe ngezihlanganisi kwaye ingcinga zomhlathi mazilandelelane,kubhalwe izivakalisi ezide nezifutshane</p>	<p>Inyathelo 11</p> <p>Abafundi baguqula igrafu balndele imigaqo efanelekileyo yobhalo lwemihlathi</p>	
<p>Izixhobo:ligrafu,amaphepha –ndaba ,itape rekhoda,izichazi magama</p>			
<p>Sihambe njani isifundo:</p>			
<p>Izithinteli kufunda: Izithinteli kufunda: Izithinteli kufunda: Umfundi ongaboniyo kunye nongevayo uyakubekwa ngaphambili, abafundi abangakwazi kufunda nokubhala bayakunikwa amathuba okuphucula ukufunda nokubhala.</p>			

IPLANI YESIFUNDO

**ISIXHOSA (ULWIMI LWENKOBE)
UMONGO:UMHOBE
IBANGA LESITHOBA
IXESHA: IIVEKI EZI-3**

UMONGO PF NEE GH	INDIMA KATITSHALA	INDIMA YOMFUNDI	UHLOLO
<p>UKUMAMELA GH 1 Mamela nokuhlalutya izicatshulwa zomlomo, zentelekelo, nezinika ulwazi ezinokuntsonkotha okwahlukeneyo, umz: - imidlalo yeraduyo, umboniso-ntetho, imihobe edlalwayo, imiboniso bhanya-bhanya, izigxeko-ncomo zencwadi.</p> <p>GH5 Xoxa izizathu zesothethi zokuchonga amagama athile, amabinza nezivakalisi eziphembelela umphula-phuli, aze acacise neempembelelo zazo (umz: intetho entsingelo-mbini eyenziwe ngamabom, kwahlula phakathi kwenyaniso nengcinga, kuchonga ingcinga yesithethi, kunakana umntsalane. bucala nokuqal'ugwbe nokwandisa</p>	<p><u>Intshayeleyo</u> Ututshala ubuza abafundi imibuzo efuna ulwazi lwangaphambili umz.Xa ubonga ubonga ntoni? Ngobani ababongayo? Nika iindidi zeembongi neentlobo zemibongo.</p> <p><u>Inyathelo 1</u> Ututshala ubaxelela iindidi zemibongo neempawu zayo umz. Isonethi inemigca eli-14.Yahlulwa kabini kuqala, imigca esibhozo ebizwa ngokuba yi-oktevu apho umbhali adulisa ingxaki ze emithandathu ebizwa ukuba yisestethi apho azise isisombululo Umz. Isihobe /umbongo womthonyama wenziwa</p>	<p><u>Intshayeleyo</u> Abafundi bayaphendula benika ulwazi lwabo.</p> <p><u>Inyathelo 1</u> Abafundi baphula phule.</p>	<p>IFomu:Imibuzo mpendulo IMethodi:Ututshala Izixhobo:Imemo/ Tsheklisti</p>

	<p>yimbongi yomthonyama. Uqala ngendlela eyodwa Umz.iuchaza imvelaphi yeqhawe elo libongwayo, kusetyenziswa izigunda nezibhebhwela zamagama, kubakho noxwesiso olubonisa ugxininiso njl-njl.</p> <p><u>Inyathelo 2</u> Utitshala ufunda umbongo kabini aze abayalele abafundi ukuba bajonge amagama anobunzima bawakrwelele.Emva kokufunda utitshala ubabuza imibuzo - iindidi zezafoke umz.ulindele ezi mpendulo: isikweko,ismntwiso,isaci,iqhalo njl-njl.Utitshala uyazohlula- hlula echaza iimpawu zazo nendlela ezisetyenziswa ngayo. Ufuna imizekelo kubafundi.</p>	<p><u>Inyathelo 2</u> Abafundi bayathetha benika iimpandulo abazaziyo.Abafundi bayaphendula benika ulwazi abalufumeneyo kwinkcazelo katitshala umz: isimntwiso kuxa unika into engomntu iimpawu zomntu umz: la mafuyathetha.</p>	<p>IFomu:Ukumamela IMethodi:Utitshala nabafundi Izixhobo: Imemorandam</p>
--	---	---	---

<p>PF2 UKUTHETHA GH5- Azisa ngomlomo ngokuzithemba nangokuyilayo, ethathele ingqalelo ngo/kwi/ku-</p> <ul style="list-style-type: none"> • Kunqumama nakwahluka kwisantya namandla kwindawo eziphambili. • Njongo nabaphula-phuli • Simo, kwisijekulo nakulwimi lomzimba, kwimbonakalo yomzimba ukubandakanya umdla wabaphula-phuli 	<p><u>Inyathelo 3</u> Utitshala ubohlula babe ngamaqela ukulungiselela ingxoxo mpikiswano/ipaneli.</p> <p><u>Inyathelo 4</u> Utitshala ubuza into emchukumisileyo umbhali ukuze abe ubhala lo mbongo ukutsho oko, ingxam yombongo lowo nezinongo zombongo, umz izafoke, ungantoni umbongo lo.</p>	<p><u>Inyathelo 3</u> Abafundi baxoxa ngomongo umyalezo, oqulathwe ngumbongo lowo okanye umsebenzi wasekhaya /intetho elungisiweyo malunga nombongo.</p> <p><u>Inyathelo 4</u> Abafundi baphendula ngohlobo ababona ngalo.limpendulo ezisuka kumaqela ziwa ngokuwa zisazisa umongo.</p>	<p>IFomu:Ingxoxo IMethodi: Ngutitshala Izixhobo: Itsheklisti</p>
---	---	---	--

<p><u>PF 3-UKUFUNDA NOKUBUKELA</u> <u>GHI PF3 UKUFUNDA NOKUBUKELA</u></p>	<p><u>Inyathelo 5</u> Utitshala ucacisela abafundi</p>	<p><u>Inyathelo 5</u> Abafundi bamamele ze</p>	<p>IFomu:Ukufunda IMethodi:Utitshala</p>
--	--	--	---

<p><u>GH1</u> - Funda ngokuqhutywa ngumdlakwaye ngokuphangaleleyo efundela ulwazi nolonwabo iintlobo ezininzi zezicatshulwa ezifundiweyo,athelekelele iimpendulo zakhe</p> <p><u>GH5-</u> Xoxa ngeentlobo ezahlukeneyo zezicatshulwa nokucacisa iimpawu zazo eziphambili nezinegalelo ngayo ekusebenzeni kwesi sicatshulwa (umz: imihobe, amanqaku ephepha-ndaba, izazisi, amanqaku amafutshane emagazini)</p> <p><u>GH8-</u> Phendula ngokunzulu kwizicatshulwa ngoku-</p> <ul style="list-style-type: none"> • avanya ingcama ngo yombhali; • avanya imiyalezo ecacileyo(okanye efihalkeleyo) kwisicathsulwa Xoxa ukuba imeko yentlalo neyenkcubeko ziwuphemelela njani umyalezo 	<p>imigaqo eyamkelekileyo yokufunda umz: Xa kuqala isivakalisi ilizwi liyaphakama, kwisiphumlisi uyaphumla, kwisingxi uyaphefumla.Ubabonisa izangotshe, izijekulo zomzimba. Injongo kukuba bakwazi ukuphuhlisa ingxam yokufundwayo.</p> <p><u>Inyathelo 6</u> Utitshala uyalela ukuba abafundi bafunde banike neentsingiselo zamagama anobunzima.</p>	<p>bazi okulindelekileyo kubo.</p> <p><u>Inyathelo 6</u> Abafundi bayafunda besenzisa imfudiso katitshala besebenzisa izijekulo zomzimba belinganisa utitshala de iphuhle intsingiselo yokokufundwayo.Bakukh ov'ukufunda baxoxa ngamagama ebekrwele umgca ngaphantsi, banika intsingiselo yentsusa nentsingiselo entsha ngendlela la magama asetyenziswe ngayo kwisihobe eso. umz.Igama <u>lenkobe</u></p> <ul style="list-style-type: none"> • linkobe ziinkozo zombona ezichutyiweyo 	<p>Izixhobo:Irubriki</p>
---	--	--	--------------------------

<p><u>GH 10</u> Hlaziya nokuvavanya ubuchule bakhe njengomfundi</p>	<p><u>Inyathelo 7</u> Utitshala uyalela abafundi ukuba bababhale amagama anzima neentsingiselo zawo kwizichazi magama zabo.</p>	<ul style="list-style-type: none"> • Ligama lakowabo lesintu <p><u>Inyathelo 7</u> Abafundi bababhale amagama anzima neentsingiselo zawo kwizichazi magama zabo.</p>	
--	--	--	--

<p><u>PF 4 UKUBHALA</u> <u>GH1-</u> Bhala izicatshulwa zentelekelelo ezininzi zentelekelelo ngo-</p> <p>➤ uvakalisa intelekelelo, iingcinga, iingcamango neemvakalelo ngye nakwabanye</p> <p><u>GH3</u> Bonisa ubuchule obukumgangatho ophezulu kwiimpawu ezinzi zokubhala ezifanelekileyo kuhlobo lwesicatshulwa (umz:-kwakha umlinganiswa, ukuzinzisa indawo ekwenzeka kuyo ibali, ukukhulisa isakhiwo kubhalo olubalisayo noluchazayo, esebenzisa imifanekis ntelekelelo emininzi ebanzi kubhalo lwakhe lwesihobe.</p>	<p><u>Inyathelo 8</u> Utitshala uyalela abafundi ukuba bakhangele kumbongo izafobe banike neentsingiselo zamagama bebhala imfundiso nomoya wombhali.</p> <p><u>Inyathelo 9</u> Utitshala uyalela abafundi ukuba babhale amagama amatsha kuluhlu lwabo lopelo ze benze nomsebenzi obhalwayo benika iintsingiselo ezahlukileyo kwizivakalisi.</p>	<p><u>Inyathelo 8</u> Abafundi bakhangele izafobe banike neentsingiselo zamagama.</p> <p><u>Inyathelo 9</u> Abafundi babhala amagama amatsha kuluhlu lwabo lopelo ze banike iintsingiselo zamagama kwizivakalisi</p>	<p>IFomu:Umsebenzi Obhalwayo IMethodi:Utitshala Izixhobo:Imemorandum</p>
--	---	--	---

	<p><u>Inyathelo 10</u> Utitshala unika abafundi umsebenzi wasekhaya apho bayila khona eyabo imibongo bephuhlisa ubuchwephetshe/izakhono ekubhaleni imibongo belandela amanqanaba okubhala oko kukuthi</p> <ol style="list-style-type: none"> 1) Uyilo lokuqala 2) Balungisa iziphene 3) Uyilo lokugqibela 	<p><u>Inyathelo 10</u> Abafundi bayila eyabo imibongo belandela amanqanaba okubhala. Basenokubhala isincoko ngombongo.</p>	<p>IFomu: Umbongo IMethodi: Utitshala nabafundi Izixhobo: Itsheklisti</p>
--	--	--	---

<p>PF 6 UKWAKHIWA <u>NOKUSETYENZISWA KOLWIMI</u></p> <p>GH1- Sebenza ngamagama ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> uxoxa indlela iilwimi eziboleka ngayo amagama amatsha akhiwa ngayo aze awasebenzise ngokufanelekileyo <p>GH2-Sebenza ngezivakalisi ngo:</p> <ul style="list-style-type: none"> uchonga nokusebenzisa izibizo zimelabizo,izenzi,izichazi,izihlana gnisi,izikhuzo,izifanekisozwi,izihl omelo <p>Kusebenzisa iintlobo ngeentlobo zezenzi uhlobo lokuqondisa,lokuqhubeka,lolandelelwano,lokuyalela,lokukhankanya</p> <p>GH3-Sebenza ngezicatshulwa ngo:</p> <ul style="list-style-type: none"> uguqula ukusetyenziswa kwesihloko ukuxhasa izivakalisi usebenzisa izihlanganisi ukwenza ulandelelwano lweengcinga eziqingqiweyo kumhlathi ulandelanisa imihlathi ukudala izicatshulwa ezide <p>GH4-Phuhlisa ingqiqo nokusetyenziswa</p>	<p><u>Inyathelo 11</u> Utitshala unika abafundi umbongo ongomnye /omtsha apho Kufuneka banike iintsingiselo zamagama anokuntsokotha nezizathu zochongo lwamagama lawo ephuhlisa intsingiselo. Ebuza ngolwimi ephuhlisa ulwazi lwabo: - ngezigaba zentetho - ngezixando zezenzi - ngeentlobo zezenzi babhala imihlathana ngombongo lowo(90-100 amagama) bebonisa ingqiqo nokusetyenziswa kwesimbo sokubhala bangalibali ukusebenzisa izaci,izafobe,amaqhalo. Bahalutya umbongo lowo</p>	<p><u>Inyathelo 11</u> Abafundi benza umsebenzi wasekhaya besebenzisa umbongo omtsha abangawufundiswanga bephendula okulindelekileyo.</p>	<p>I Fomu: Imihlathi I Methodi: Ngutitshala Izixhobo: Irubriki</p>
---	---	--	--

kwesimbo sokubhala ngo			
------------------------	--	--	--

<p>Kwahlula phakathi</p> <ul style="list-style-type: none"> • olusesikweni nolo lungekho sesikweni nokucacisa ukuba sisiphi isimbo sokubhala esifanelekileyo • umlembelelee nentsingiselo-mbini • izangotshe zolwimi nesimbo sokuthetha ngokufanelekileyo nangokuyilayo <p>GH 5-Khulisa ingqiqo enzulu yolwimi ngo</p> <ul style="list-style-type: none"> • intsingiselo ecacileyo nefihlakaleyo • olusetyenziselwa injongo ethile • ukusetyenziswa kwamagama abonisa uvakalelo • ephathelele kwisini,kwimpilo njl-njl 	<p>kolwimi</p> <p>kuphepha</p> <p>Kusebenzisa</p> <p>Kuchonga</p> <p>Hlalutya ulwimi</p> <p>Hlalutya</p> <p>Kwimibandela</p>			
Izixhobo:Imibongo,izichazi magama				
Sihambe njani isifundo:				
Izithinteli kufunda: zithinteli kufunda: Izithinteli kufunda: Umfundi ongaboniyo kunye nongevayo uyakubekwa ngaphambili, abafundi abangakwazi kufunda nokubhala bayakunikwa amathuba okuphucula ukufunda nokubhala.				

IPLANI YESIFUNDO

**ISIXHOSA (ULWIMI LWENKOBÉ)
UMONGO:IBALANA
IBANGA:9
IXESHA: IIVEKI EZI-3**

UMONGO PF NEE GH	INDIMA KATITSHALA	INDIMA YOMFUNDI	UHLOLO
<p><u>PF 1UKUMAMELA</u> GHI Mamela nokuhlalutya izicatshulwa zomlomo, zentelekelo nezinika ulwazi ezinokuntsonkotha okwahlukeneyo, umz:- imidlalo yeradiyo, umboniso-ntetho, imihobe edlalwayo, imiboniso bhanya-bhanya, izigxeko-ncomo zencwadi.</p> <p>GH7 Chonga iimeko zokuxabiseka nezembali,zentlalo nenkcubeko kwisicatshulwa esikhethiweyo.</p>	<p><u>Intshayelelo</u> Utitshala ubonisa abafundi isihloko sebali,abanike ithutyana lokuba baqikelele ngokunokwenzeka/oko kuba lingantoni ibalana.Ubanika imibuzo ukukhangela ulwazi abanalo malunga nebali elo.Utitshala uxelela abafundi ngeempawu eziphambili zebalana-intshayelelo,isisiqu,isisiphelo, Uvuthondaba,abalinga niswa Iploti. <u>Inyathelo 1</u> Utitshala ubuza iintsingiselo zamagama abhalwe koonotsheluza.La</p>	<p><u>Intshayelelo</u> Abafundi baqikelela baze baphendule imibuzo.</p> <p><u>Inyathelo 1</u> Abafundi basebenzisa izichazi magama bebhala iintsingiselo zamagama ezincwadini zabo.</p>	<p align="center">:</p> <p>IFomu:Ukumamela IMethodi:Umfundi ngokwakhe Izixhobo:</p>

	<p>magama aqulathwe apha ebalini</p> <p><u>Inyathelo 2</u> Abafundi banikwa ithuba lokumamela ibali elishicelele kwitape recorder bethabatha amanqaku aphambili.</p>	<p><u>Inyathelo 2</u> Abafundi babhala ezincwadini zabo amanqaku ngokulandela ibali elimanyelweyo.</p>	<p>Itsheklisti</p>
<p><u>PF2 UKUTHETHA</u></p> <p>GH 1 Azisa iingcinga nezimvo ngokuyilayo nangokubonakalayo , nangentelekelelo nangokuzithemba, esebenzisa iintlobo zezicatshulwa zomlomo ezikhethiweyo.</p> <p>GH4 bonisa ubuchule bentsebenziswano obuntsokothileyo ngokuthatha inxaxheba ngokukhuthala kwiingxoxo zeqela ,kwincoko kwintetho-mpikiswano ,kudliwano-ndlebe lweqela.</p> <p>GH 5 Azisa ngomlomo ngokuzithemba nangokuyilayo ethathela ingqalelo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ngoku nqumama nokwahluka kwisantya namandla kwiindawo eziphambili . • Kwisimo ,kwizijekulo nakulwimi lomzimba kwimbonakalo yomzimba ukubandakanya umdla wabaphula-phuli. • Kwivakalo-zwi. • Kwimvumelwano yentlalo nenkcubeko . • Izango 	<p><u>Inyathelo 3</u> Utitshala uyalela abafundi ukuba balungele ukuxoxa ngokwamaqela.</p>	<p><u>Inyathelo 3</u> Abafundi bengamaqela balungiselela ukuxoxa,elowo umfundi ubhala encwadini iingcinga zeqela lakhe.Kuluvo ngalinye ubhala ecaleni kwalo igama eliya kumkhumbuza xa exoxa kumaphetshana esikhumbuzo asikwe ngendlela ezinika umdla ngolu hlobo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Unxantathu • Isikwere 	<p>IFomu:Unikeze lo IMethodi:Umfundi notitshala Izixhobo: Itsheklisti/isikali somlinganiselo</p>

<p>tshe ezifanelekileyo ezifana nenkcaso-vuthondaba , ubabazo nombuzo-buciko.</p> <p>GH 6 Kuvavanyo lwempumelelo yonxibelelwano lwakhe kwaye enze uphuculo .</p>		<ul style="list-style-type: none"> • Isangqa La maphepha ngawo aza kuxhonywa ebhodini abe sisikhumbuzo seengongoma ekuza kuxoxwa ngazo 	
---	--	---	--

	<p><u>Inyathelo 4</u> Utitshala phambi konikezelo ukhumbuza abafundi indlela yonikezelo apho kulindeleke ukuba umbalisi alandele imigaqo ethile.umz Utshintshatshintsho lelizwi Ulwimi lomzimba Uqwalaselo lwenjongo nabaphula phuli Ukunqumama nokwahluka kwisantya namandla kwiindawo ezingundoqo njl- njl.</p>	<p><u>Inyathelo 4</u> Kuyanikezelwa .Iqela ngalinye linommeli walo oza kunikezela .</p>	
--	--	--	--

--	--	--	--

<p><u>PF3 UKUFUNDA NOKUBUKELA</u></p> <p>GH1 Funda ngokuqhutywa ngumdlala kwaye ngokuphangaleleyo ufundela ulwazi nolonwabo iintlobo ezininzi zezicatshulwa ezifundiweyo, athelekise iimpendulo zakhe, kwaye enze iingcebiso ezikhuthazayo kwabanye.</p> <p>GH 2 Zifundela ngokuvakalayo nangokuthe cwaka efundela iinjongo ezahlukeneyo aze ahlanganise ubuchule bokufunda obufanelekileyo obukhuliswa kumabanga angaphambili.</p> <p>GH 4 Bonisa ingqiqo yezicatshulwa ezininzi ezibanzi eziqulethe ulwazi Ngokuchonga iingcinga eziphambili nokucacisa indlela iinkcukacha ezichasa ngayo</p>	<p><u>Inyathelo 5</u></p> <p>Utitshala ufundela abafundi ibali ezama ukubonisa indlela yokubiza amagama, ebonisa apho kuphunyulwa khona ukutyibilika kolwimi xa kufundwa njl-njl. Uthi ke emveni koko afunde</p>	<p><u>Inyathelo 5</u></p> <p>Abafundi bamamele baze emveni koku bafunde kunye notitshala. Emveni ni koko bayaqhuba bayazifundela.</p>	<p>IFomu: Imibuzo neempendulo IMethodi: Umfun</p>
---	---	--	---

<ul style="list-style-type: none"> • ephambili • ya iingcinga • ngeengcamango ezahlukeneyo 	<p>ingcinga</p> <p>Ngokuvavan</p> <p>Ngokuxoxa</p>	<p>kunye nabafundi. Utitshala uyayeka baqhube bafunde.</p> <p><u>Inyathelo 6</u> Utitshala ubuza imibuzo apha ebalini ekhangela ukuba abafundi balilandele na ibali.</p>	<p><u>Inyathelo 6</u> Umfundi ngamnye uyaziphendulela imibuzo encwadini.</p>	<p>di notitshala Izixhobo: Imeorandam</p>
---	--	---	---	---

<p>GH5 Xoxa ngeentlobo ezahlukeneyo zezicatshulwa nokucacisa indlela iimpawu zazo eziphambili ezicwangciswa ngayo nezinegalelo</p>	<p><u>Inyathelo 7</u> Utitshala uyalela abafundi ukuba babhale umhlathi malunga nezi ngongoma</p>	<p><u>Inyathelo 7</u> Abafundi benza imephu yengqondo baze ke babhale umhlathi</p>	<p>IFomu: Umhlathi IMethodi: Utitshala nabafundi Izixhobo: Irubriki</p>
---	--	---	---

<p>ngayo ekusebenzeni kwesicatshulwa. GH6 Bonisa ingqiqo yesicatshulwa , injongo yaso,ulwalamano kubomi babo ngokuhlalutya ukukhula kwesakhiwo,imixholo, ukuxabiseka, abalinganiswa nendawo apho ibali lenzeka khona . GH 8 Phendula ngokunzulu kwizicatshulwa ngoku- Ngokuvavanya ingcamango yombali. Ngokuvavanya imiyalelo ecacileyo okanye efihlakeleyo kwisicatshulwa nangomtsalane bucala /ukuqal'ugwebe kwaye enika ezakhe iingcamango nezinye iindlela . Ngokuxoxa ukuba imeko yentlalo neyenkcubeko ziwuphemelela njani umyalezo.</p>	<p>Indawo elenzeka kulo ibali Ixesha Ingcamango ephambili yebali(iploti) Baziva njani bakube belifundile ibali.Oku bakuqala ngokuthi benze imephu yengqondo.</p> <p><u>Inyathelo 8</u> Utitshala wahlula abafundi ngababini bazikhethele abalinganiswa abazakuba ngabo bayile intetho yabo.</p> <p><u>Inyathelo 9</u> Utitshala uyalela abafundi ukuba babalise ibali bezama ukugxininisa isakhiwo sebali Umz:Intshayelelo Lenzekaphi ibali,nini,ngobani abalinganiswa Imihlathi ephuhlisa iingcamango eziphambili, uvuthondaba.</p>	<p>ngeengongoma abazinikiweyo.</p> <p><u>Inyathelo 8</u> Abafundi balungiselela ukulinganisa.Bayila intetho ukulungiselela ukulinganisa.</p> <p><u>Inyathelo 9</u> Abafundi bayabalisa belandela isakhiwo sebali</p>	
<p>PF 4 UKUBHALA GH 1 Bhala izicatshulwa ezininzi ezibanzi zentelekelelo ,ngokuvakalisa intelekelelo,iingcinga,iingcamango</p>	<p><u>Inyathelo 10</u> Utitshala unika abafundi ithuba lokuba babhale isincoko soncwadi.</p>	<p><u>Inyathelo 10</u> Abafundi bayabhala izincoko zabo bekhokelwa sisakhiwo</p>	<p>IFomu:Isincoko IMethodi:Utitshala nabafundi Izixhobo:Irubriki</p>

<p>neemvakalelo ngaye kwabanye : ngokuphonononga ukusetyenziswa kolwimi ngokuyilayo,ngokunzulu nangokudlalayo,ngezincoko ezibhaliweyo nezichazayo, iingxoxo,imihobe,iingoma, amabali amafutshane alula, ileta .imidlalo ekhatshwa ziimpembelelo ezinezandi ezibonwayo.</p> <p>GH 2 Bonisa ubuchule obukumgangatho ophezulu kwiimpawu ezininzi zokubhala ezifanelekileyo kuhlobo lwesicatshulwa ,umz: ukwakha umlinganiswa,ukuzinzisa indawo ekwenzeka kuyo ibali,ukukhulisa isakhiwo kubhalo olubalisayo noluchazayo,esebenzisa imifanekiso- Ntelekelelo emininzi kubhalo lwakhe.</p> <p>GH 4 Sebenzisa inqubo yokubhala ngokuzimisela nangokukhululekileyo ukuvelisa izicatshulwa ezintsokolthileyo</p>	<p>Umz: Isakhiwo sebali Intshayelelo Isiqu Isiphelo Ukuzotywa kwabalinganiswa Utitshala uyalela abafundi ukuba baqwalasele upelo, uqhawulo lwamagama, iziphumlisi njl-njl.</p>	<p>sebali Intshayelelo Isiqu Isiphelo Ukuzotywa kwabalinganiswa Akube umfundi ngamnye egqibile unika umhlobo wakhe umsebenzi wakhe ajonge upelo, uqhawulo lwamagama njl-njl.Baphinde balungise iziphene ze babhale uyilo lokugqibela.</p>	
--	--	---	--

	<p><u>Inyathelo 11</u> <u>Udliwano-ndlebe-</u> Utitshala uyalela abafundi</p>	<p><u>Inyathelo 11</u> A bafundi babhala intetho yabantu ababini(udliwano</p>	<p>IFomu:Udliwano ndlebe IMethodi:Ngumfundi</p>
--	---	--	---

	<p>ukuba babhale udliwano-ndlebe ngababini beqaphela oku: Omnye uphendula umbuzo yomnye Kwintetho ethe ngqo azibikho iimpawu zobuciko-“ “ Igama lesithethi lilandelwa yi kholoni Kushiywa umgca phakathi kwentetho.</p>	<p>ndlebe) Basebenzisa isakhiwo sengxoxo.</p>	<p>notitshala Izixhobo:Itsheklisti</p>
--	---	--	---

<p><u>PF 6 UKWAKHIWA</u> <u>NOKUSETYENZISWA KOLWIMI</u></p>	<p><u>Inyathelo 12</u> Utitshala unika abantwana</p>	<p><u>Inyathelo 12</u> Abafundi baguqula</p>	
--	--	--	--

<p>GH 1 Sebenza ngamagama</p> <p>GH 2 Sebenza ngezivakalisi</p> <p>GH 3 Sebenza ngezicatshulwa</p> <p>GH 4 Phuhlisa ingqiqo ngokusetyenziswa kwesimbo sokubhala.</p> <p>GH 5 Khulisa ingqiqo enzulu yolwimi.</p>	<p>umsebenzi othathelwe kudliwano-ndlebe. Bayalelwa ukuguqula izivakalisi ezikwintetho ngqo bayanze ingxelo –ntetho(direct speech) Utitshala ubanika kwakhona imisetyenzana ebonisa iintlobo –ntlobo zezenzi.</p>	<p>intetho ethe ngqo bebhala ezincwadini. Abafundi bakwabhala imisebenzi engentlobo ntlobo zezenzi.</p>	
<p>Izixhobo: Ibalana, itape rekhoda, izichazi magama, iincwadi zolwimi, oonotsheluzi</p>			
<p>Sihambe njani isifundo</p>			
<p>Izithinteli kufunda: zithinteli kufunda: Izithinteli kufunda: Umfundi ongaboniyo kunye nongevayo uyakubekwa ngaphambili, abafundi abangakwazi kufunda nokubhala bayakunikwa amathuba okuphucula ukufunda nokubhala.</p>			

IPLANI YESIFUNDO

ISIXHOSA (ULWIMI LWENKOBE)
UMONGO: IITEKISI EZIVELA KWEZINYE IZIFUNDO
IBANGA: 9
IXESHA: IIVEKI EZI-3

UMONGO PF NEE GH	INDIMA KATITSHALA	INDIMA YOMFUNDI	UHLOLO
<p><u>GH 2 :</u> Mamela ngononophelo nocoselelo ulwazi oluthile neengcinga ezingundoqo kwaye aphenhule ngokufanelekileyo, umz: <input type="checkbox"/> ukwenza izigqibo; <input type="checkbox"/> Ukuhlaziya ulwazi neengcinga, aze abuze imibuzo yokuphanda nokucela umngeni apho kuyimfuneko.</p> <p><u>GH 3:</u> Qonda indlela izicatshulwa zomlomo ezicwangciswe ngayo aze achaze iimpawu eziphambili (umz. Amabali amafutshane, iibaladi, iintetho ezimfutshane, imibonise ntetho, imdlalo yedama, ukusaza iindaba, iingxoxo).</p>	<p><u>Inyathelo 1</u> Utitshala ubuza le mibuzo ilandelayo ekhokelela kokuzakufundwa umz: ingaba namhlanje imozulu injani? Utsho kuba kutheni? Nika isaci okanye iqhalo elisetyenziswayo ukuchaza imo yezulu, babe sebechaza imvelaphi yawo.</p>	<p><u>Intshayelelo</u> Abafundi baphendula imibuzo.</p>	

<p>Oku kuquka nokunakana izixhobo ezisetyenziselwe uburharha ezifana nemigcana ehlekisayo enentetho enamandla, isgqebelo, indeleloazeahlalutye kwaye athelekise iimpembelelo zezandi kwizicatshulwa ezahlukeneyo zezixhobo kuezivakalayo nezibonakalayo.</p> <p><u>GH 7 :</u> chonga iimeko zokuxabisa nezembali,</p>	<p><u>Inyathelo 1</u> Utitshala unika abafundi amaphepha okusebenza apho baza kugcwalisa iimpendulo ezilindelekileyo. Ubuye avulele unomathotholo oshicilelayo (tape recorder) apho kushicilelwe imo yezulu. (okanye ukuba asikho isishicileli utitshala unokubafundela abantwana imo yezulu ze bathathe amanqaku))</p>	<p><u>Inyathelo 1</u> Abafundi baphula-phula okushicilelweyo kunomathotholo</p>	<p>I Fomu: Ukumamela I Methodi: Abafundi Izixhobo: Itsheklisi</p>
--	--	--	---

<p><u>PF 2: Ukuthetha</u></p>	<p><u>Inyathelo 2</u> Utitshala unika ithuba lokuba</p>	<p><u>Inyathelo 2</u></p>	
--------------------------------------	--	----------------------------------	--

<p><u>GH 2:</u> azisa iingcinga, iingongoma ezinobunyaniso neengcamango ngokucacileyo kwaye ngokuchanekileyo ngokulandelelana kwizihloko ezicela umngeni esebenzisa iintlobo zezicatshulwa zomlomo ezineengongoma ezinobunyaniso ezibanzi (umz: ingcaciso kwiinkqubo zobuchwepheshe ezifana nokuba uyisebenzisa njani ikhomyutha okanye ividiyo).</p> <p><u>GH 5 :</u> azisa ngomlomo ngokuzithemba nangokuyilayo, ethathele ingqalelo ngo/kwi/ku <input type="checkbox"/> kunqumama nokwahluka kwisantya namandla kwindawo ezingundoqo; <input type="checkbox"/> njongo nabaphulaphuli; <input type="checkbox"/> simo, kwisijekulo nakulwimi lomzimba, kwimbonakalo yomzimba ukubandakanya umdla wabaphulaphuli; <input type="checkbox"/> yantlukwano yokwazisa;</p>	<p>abafundi bayile umbongo/umdlalo obhekiselele kwimozulu.</p> <p><u>Inyathelo 3</u> Utitshala unika ithuba lokuba iqela ngalinye linikezele imibongo/imidlalo leyo liyiylileyo ebakhumbuza abafundi ukuba baphula phule bathathele ingqalelo ngokunikezela ngokufanelekileyo nangokuzithemba nolwimi oluthethwayo.</p>	<p>Abafundi bayila umbongo/umdlalo ngokwamaqela.</p> <p><u>Inyathelo 3</u> Abafundi banikezela imibongo /imidlalo abayiyilileyo ngokwamaqela.</p>	<p>IFomu:Unikezelo IMethodi:Umfundi notitshala Izixhobo: Itsheklisti/isikali somlinganiselo</p>
--	--	--	--

<p><u>GH 6:</u> vavanya impumelelo yonxibelelwano lwakhe kwaye enze uphuculo</p> <p><u>PF 3: Ukufunda Nokubukela</u></p> <p><u>GH 1:</u> Funda ngokuqhutywa ngumdlala kwaye okuphangaleleyo efundela ulwazi nolonwabo iintlobo ezininzi zezicatshulwa ezifundiweyo, athelekise iimpendulo zakhe, kwaye enze iingcebiso ezikhuthazayo kwabanye.</p> <p><u>GH 2:</u> Funda ngokuvakalayo nangokuthe cwaka kwiinjongo ezahlukeneyo aze ahlanganise ubuchule bokufunda obufanelekileyo obukhuliswe kumabanga angaphambili).</p> <p><u>GH 3:</u> Chonga injongo, abaphula- phuli nemeko yesicatshulwa</p> <p><u>GH 4:</u> bonisa ingqiqo yezicatshulwa ezininzi ezibanzi eziqulathe ulwazi ngo-</p>	<p><u>Inyathelo 4</u> Utitshala unika abantwana ithuba lokufunda isicatshulwa esingemozulu ngokwamaqela.</p> <p><u>Inyathelo 5</u> Utitshala uyalela abafundi ukuba bafunde ngokwamaqela ingxelo yemozulu bakuba beyigqibile ukuyibhala.</p> <p><u>Inyathelo 6</u> Utitshala uyalela umfundi omele iqela ukuba enze unikezelo ngengxelo yemozulu.</p>	<p><u>Inyathelo 4</u> Abafundi bafunda ngokwamaqela. Bakugqiba ukufunda bayaxoxa babhale eyabo ingxelo yemozulu.</p> <p><u>Inyathelo 5</u> Abafundi bakuba beyigqibile ukuyibhala imozulu bayifunda ngokuvakalayo.</p> <p><u>Inyathelo 6</u> Abafundi ngokwamaqela banikezela ingxelo yemozulu.</p>	<p>IFomu: Ukufunda IMethodi: Utitshala Izixhobo: Itsheklisti</p>
--	--	--	--

<p> <input type="checkbox"/> kuchonga iingcinga eziphambili nokucacisa indlela iinkcukacha ezixhasa ngayo ingcinga ephambili; </p> <p> <input type="checkbox"/> kuvavanya iingcinga; </p> <p> <input type="checkbox"/> kuxoxa iingcamango ezahlukeneyo. </p> <p> GH 7 hlalutya iindlela ezisetyenziswe ekuyileni iimpembelelo ezithile kwizicatshulwa ezibonwayo ezibhaliweyo ezezixhobo zosazazo ezininzi ezifana </p> <p> <input type="checkbox"/> nempebelelo yezixhobo zokubhala nolwimi olusetyenzisiweyo neempembelelo yeempawu zokwakhiwa (ubekwa kwesicatshulwa nemifanekiso/iifoto, ukusetyenziswa kobukhulu boshicilelo nefonti, ukusetyeniswa kombala.) </p> <p> GH 8 : phendula ngokunzulu kwizicatshulwa ngoku- </p> <p> <input type="checkbox"/> vavanya ingcamango yombhali; </p> <p> <input type="checkbox"/> vavanya imiyalezo ecacileyo (okanye efihlakeleyo) kwisicatshulwa </p>			
---	--	--	--

<p><u>GH 9:</u> kwenza izigwebo ngemibandela yentlalo, yenkcubeko, yommandla nokuxabiseka okusesikweni kwizicatshulwa kwaye axoxe ngempembelelo kumfundi nangezimo zesicatshulwa ezidala impembelelo (umz: umxholo, ulwimi, imifanekiso, iingcamango nesimo sabalinganiswa). umxholo, ulwimi, imifanekiso, iingcamango nesimo sabalinganiswa).</p> <p><u>PF 4 :Ukubhala</u> <u>GH 2 : GH 4:</u> Sebenzisa inkqubo yokubhala ngokuzimela nangokukhululekileyo ukuvelisa izicatshulwa ezintsonkothileyo ngokukhetha nokuphonononga isihloko esintsonkothileyo ngokungqubalisa iintloko, esebenzisa izintlu namanqaku; kusebenzisa izicatshulwa ezinokuntsonkotha okukhulayo njengemizekelo; kuqulunqa nokuphuhlisa isihloko, ukukhetha ulwazi olusemxholweni kwimithombo emininzi; kucwangcisa iingcinga ngokulandelelana ukuvelisa uyilo oluninzi</p>	<p><u>Inyathelo 7</u> Utitshala uyalela abantwana ukuba babhale umsebenzi wasekhaya omalunga negrafu ophuma kwiphepha ndaba.</p>	<p><u>Inyathelo 7</u> Umfundi ngamnye usebenza yedwa esenza umsebenzi wasekhaya. Ufunda inqaku kwiphepha ndaba elinemephu yemozulu. andule ukwenza igrafu yayo. (Ezi grafu ziza kuxhonywa eludongeni ze kwenziwe igallery walk)</p>	
---	--	---	--

<p>Velisa izicatshulwa ezibhaliweyo ezininzi ezineengongoma ezinobunyaniso nezakhiwe ngeendlela ezininzi kwiinjongo ezahlukeneyo usebenzisa iimpawu ezininzi ezibanzi ezibonwayo nezakhiweyo apho kuyimfuneko iimeyile, ingxelo kwimibandela yangoku, iintengiso, izibhengezo, ingxelo yengqina, ingxelo zephepha-ndaba, inkcazo ngobomi bomntu, i-ajenda nemizuzu yentlanganiso.</p> <p><u>PF 6 : Usetyenziso lolwimi</u> <u>GH 1 :</u> Sebenza ngamagama ngo- <input type="checkbox"/> Kusebenzisa ubuchule obuninzi obahlukeneyo bokupela amagama angaqhelekanga nokuxoxa ngobuchule obusetyenzisiweyo; <input type="checkbox"/> Kuyila uluhlu lwakhe lopelo nesichazimagama samagama ngokuhlangene nekharithyulamu aze ahlalutye amagama anika ingxaki;</p>	<p><u>Inyathelo 8</u> Utitshala ubonisa ukuba ngaphandle kweziphumlisi intsingiselo yesivakalisi kunzima ukuyilandela. Unika abafundi isicatshulwana esingenaziphumlisi ukuba balifunde.</p>	<p><u>Inyathelo 8</u> Umfundi ngamnye ufunda indinyana kwisicatshulwa ekungekho nasinye isiphumlisi .Ulindleleke ukuba ayilungise le ndinyana ukuze kucace /kuvakale intsingiselo yayo.</p>	
---	--	---	--

<p><u>GH 2 :</u> sebenza ngezivakalisi ngo:</p> <ul style="list-style-type: none"> <input type="checkbox"/> kuchonga nokusebenzisa izibizo, izimelabizo, izenzi, izichazi, izihlanganisi, izikhuzo, izifanekisozwi, izihlomelo; <input type="checkbox"/> kusebenzisa nokuxoxa iintlobo zezenzi: uhlobo lokuqondisa, lokuqhubeka, lolandelelwano, lokuyalela, lokukhankanya; <input type="checkbox"/> kusebenzisa izimamva zezixando zezenzi; <p><u>GH 3 :</u> Sebenza ngezicatshulwa ngo:</p> <ul style="list-style-type: none"> <input type="checkbox"/> kuguqula ukusetyenziswa kwesihloko nokuxhasa izivakalisi (umz: ukubeka isihloko ekugqibeleni) ukudala ulandelelwano kwimihlathi; <input type="checkbox"/> kusebenzisa izihlanganisi ukudibanisa imihlathi nokwenza ulandelelwano lweengcinga eziqiquweyo kumhlathi; kulandelelanisa imihlathi ngokufanelekileyo ukudala izicatshulwa ezide 	<p><u>Inyathelo 9</u> Utitshala ubethelela amaxesha ezenzi eqnonondisa ukuba isenzi siso esingundoqo ekuguquleni amaxesha. Unika abafundi umsebenzi ogxile kumaxesha ezenzi. Uyalela abafundi ukuba bakhethe izivakalisi ezikwisicatshulwa esiphuma kwiphepha ndaba okanye ezincwadini baziguqulele kwixesha eladlulayo.</p>	<p><u>Inyathelo 9</u> Abafundi ngabanye benza umsebenzi ezincwadini zabo beguqula izenzi zibe kwixesha eladlulayo.</p>	
---	---	---	--

<p>GH 4:phuhlisa ingqiqo nokusetyenziswa kwesimbo sokubhala ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> <input type="checkbox"/> kusebenzisa ubude obahlukeneyo besivakalisi nokuhlalutya iintlobo zezivakalisi; <input type="checkbox"/> kwahlula phakathi kolwimi olusesikweni nolo lungekho sikweni nokucacisa ukuba sisiphi isimbo sokubhala esifanelekileyo; <input type="checkbox"/> kuphepha umlembelele nentsingiselo- mbini; <input type="checkbox"/> kusebenzisa izangotshe zolwimi nesimbo sokuthetha ngokufanelekileyo nangokuyilayo; <p>GH 5 :khulisa ingqiqo enzulu yolwimi ngo kuchonga intsingiselo ecacile nefihlakeleyo, itsingiselo ekubhekiswe kuye neentsingiselo ezininzi kuhlalutya ulwimi olusetyenziselwa injongo ethile nombuzo buciko engaqhutywa luvakalelo nakwinkcubeko.</p>			
<p>Izixhobo zokufundisa: Amaphepha ndaba, itape rekhoda, igrafu, amaphepha okusebenzela</p>			
<p>Sihambe njani isifundo</p>			
<p>Izithinteli kufunda: zithinteli kufunda: Izithinteli kufunda: Umfundi ongaboniyo kunye nongevayo uyakubekwa ngaphambili, abafundi abangakwazi kufunda nokubhala bayakunikwa amathuba okuphucula ukufunda nokubhala.</p>			